

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



GRAIN SA
GRAAN SA

TSHAZIMPUNZI
2014

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:

- 03 | Musa ukusebenzisa iindlela ezikhawulezisayo xa ugcina umbona wakho
- 04 | Amarhamncwa – ngabahlobo okanye ziintshaba?
- 07 | Ngawaphi amathuba endinokuwaxhamla xa ndithengisa umbona wam?

Ummiselo omtsha malunga nemivuzo – akukho ndlela-mbini ufanele ukuwulandela!

Xa ucinga ngefuthe lommiselo omtsha malunga nemivuzo yabasebenzi basezifama kwimeko yemali yefama nokuthi kuzakwenziwa njani, umlimi uneendlela ezintathu anokukhetha kuzo – ukungawuhoyi, “indlela yokuzinyanzela ukuwulandela, nokuwulawula.

UKUNGAYIHOYI kuthetha ukuba wena uhlawula abasebenzi bakho ngendlela othanda ngayo kanti basenokwaneliseka abasebenzi bakho. Le ndlela isenokuba yingozi. Kodwa ukuba abasebenzi bakho abakhalazi, masibe sisithi, akunangxaki. Kodwa xa omnye enokusuka akuxele kwiSebe leMisebenzi nakubahloli beMisebenzi uze ufunyaniswe unempoliso basenokulivala okwethutyana ishishini lakho zize zibe nentshabalalo iziphumo zako oko.

Oku kuyenzeka – phantse kwiminyaka emibini edluleleyo ishishini lefama kwiphondo laseMntla Ntshona lavalwa kwiinyanga eziliqela ukuze kulungiswe imeko zokuphathwa kwabasebenzi.

Okwesibini, ukuthatha indlela ethi “**NDINYA-NZELEKILE**” ngokwenza njalo uhlawule imivuzo ethetha ukuze ugcine wonke umntu anelisekile kunokuba neziphumo ezingalunganga kakhulu kwimali yeshishini lakho. Ngenxa yokucudiseka kwabalimi ziindleko zamaxabiso (iindleko zinyuka ngokukhawuleza, ngokwepesenti, kunamaxabiso eemveliso), esi senzo sinokukhokelela kumaxesha anzima ngokwasemalini.

Indlela yesithathu – **KUKULAWULA** imeko – enyanisweni yindlela elungileyo. Xa ufuna ukuba ngumlimi onempumelelo kufuneka ulandele





UMAKHULU UJANE UTHI...

Phantse lifikile ixesha lokuqalisa ngokuqikelela izivuno zezityalo zakho – indlela ekukhuthaza ngayo ukubona iziphumo zamalinge akho. Indalo iyakuthakazelela ukusincedisela kwimizamo yethu yokulima ukutya. Kukho iindlela zokuqikelela isivuno sesityalo ngasinye kwaye unako ukucela umququzeleli wakho wophuhliso ukuba akuncedise ukuze uyiqonde indlela yokukwenza oku ude ube kwibanga lokwenza ingqikelelo echanekileyo yesityalo sakho esilindelekileyo.

Ngonyaka ngamnye ngenyanga kaMeyi, iGrain SA isingatha iVeki yesiVuno yeNAMPO kwifama yethu kuhle bucala eBothaville eFree State. Embonisweni, ongumboniso ongowona mkhulu wezolimo eAfrika, unako ukubona ezona zixhobo zanamhla zokulima izityalo eziziinkozo nezobukhulu obushiya-shiyanayo zabalimi. Kuya kuba luncedo olukhulu ukuzama ukuyizimasa iNAMPO kulo nyaka naya kuba ngomhla we-12 ukuya kowe-15 kuMeyi ngo-2014. Ngelishwa, akusayi kubakho zindawo zokuhlala eBothaville ngoko ke, xa unenjongo yokuchitha ubusuku, kufuneka uzenzele amalungiselelo kuselithuba kwiidolophu ezikufuthi neBothaville.

Uya kuba nethuba lokuzidibanisa nabo bonke abathengisi bezinto ezingamalungiselelo okulima – abenzi bambewu, abesichumiso nemichiza ngokunjalo nabenzi abaninzi beetrektara. Kuhle ukuyazi into ekhoyo kwiindawo zentengiso nokuba nofifi ngamaxabiso angoku. Kukho iitrektara ezinkulu kakhulu, kodwa nezincinci zikhona ngoko ke, xa ungunlimi osaphuhlwayo akusayi kuzisola ngokuya kwiNAMPO. Abancedisi abakwinkqubo yophuhliso nabo baza kuya kwiNAMPO kwaye nawe ungaya kuzidibanisa nathi ukuze uxoxe nathi ngemingeni ojongene nayo kumsebenzi wokufama.

Njengoko selisemnyango ixesha lokuvuna, uza kulindela ukufumana ingeniso. Abaninzi benu babeboleke imali yokulima isityalo abajonge ukusivuna. Siyazi ukuba sonke sinezidingo zemali ezisicinezelayo, kodwa nize nincede nikhumbule ukuba phambi kokuzithathela imali othi yeyakho, khawuqale ngokuhlulwala ityala lakho. Ukuba akulihlawuli ityala lakho akunakufane uphinde ubolekwe mali lilo naliphi iziko elilelinye kwixesha elizayo.

Sijonge phambili ekudibaneni nawe kwiNAMPO! 🍌

Ummiselo omtsha malunga nemivuzo – akukho ndlela-mbini ufanele ukuwulandela!

le ndlela. Umbuzo ngulo, ndingenza ntoni? Masixoxe ngeendlela ezimbalwa nokuba umntu angaqala phi.

Okokuqala unako ukucela ukwenza iinguquququko kwiSebe leMisebenzi, nkqubo leyo ethatha ixesha layo kodwa kube kungekho siqinisekiso sempumelelo.

Okwesibini, khawujonge inqaku elibhalwe malunga noLawulo lwabaSebenzi kwiPula/Imvula egqithileyo. Qiniseka ukuba unomgaqonkqubo wolawulo lwabasebenzi ofanelekileyo kuqakwa ukwakhaka kweshishini lakho okubonisa zonke izithuba zemisebenzi. Ngaba zonke izithuba ezikhoyo ziyimfuneko? Nciphisa inani labasebenzi ukuba oko kunokwenzeka. Kuvumelekile ngokoMthetho wobuDlelane babasebenzi kunye noMthetho weMiqathango yeNgqesho esisiSeko ukudenda abasebenzi ngenxa yeemfuneko zokusebenza ezingalungisekiyo (ukunganeli kwemali).

Le nguquko inkulu kangaka yommiselo malunga nemivuzo ikwaxininisa ngakumbi ekuqeshweni kwabasebenzi abalungileyo. Zonke izithuba kulwakiwo lweshishini lakho mazixhaswe ngeenkcazo zomsebenzi ezifanelekileyo nezifanele ukusetyenziswa xa kuqeshwa abasebenzi abatsha. Kananjalo zivavanye iza-khono zobuchule babo phambi kokubaqesha.

Khumbula ukuba ufanele ukubasebenzisa kwimeko nakwindlela yokusebenza eyamkelekileyo. Ukuba bayasilela emsebenzini wabo sebenzisa inkqubo nekhawudi yengqesho. Ungavumi ukutsaliswa nzima ngabasebenzi abonqenayo.

Uya kuphawula ukuba amanyathelo achazwe ngasentla ahamba ngokwemithetho ephathelele kwimisebenzi – umgaqo womthetho – landela la manyathelo kuba ufanele ngokwasemthethweni.

Ugqaliselo olubaluleke kakhulu xa unyusa imivuzo malube sekuqwalaseleni iziphumo zomsebenzi wabasebenzi bakho kuba iziqhamo zokusebenza kufuneka zihambelane neendleko kunye nexesha elisetyenzisiweyo. Iziqhamo zomsebenzi ziyinxaki enkulu eMzantsi Afrika. Ubalo-manani lwehlabathi lwalatha ukuba uMzantsi Afrika uphakathi kwamazwe anemveliso ephantsi. Imveliso ephantsi ibangela iindleko eziphezulu zabasebenzi eMzantsi Afrika. Xa sicinga ngeqondo lemveliso zimbini izinto ezibandakanyekayo; ngabantu (abasebenzi) nezinto zokusebenza (izixhobo, oomatshini, njalo njalo).

Hlangabezana nezidingo zokusebenza zabasebenzi bakho – ngaba abasebenzi bakho banazo izakhono zobuchule eziyimfu-

neko nobuchwepheshe bokwenza umsebenzi kwaye ngaba baqeqeshiwe kakuhle? (Nkqu nomsebenzi ohlakula intsimi yombona ngegaba makawazi umsebenzi awenzayo). Banike uqeqesho ngononophelo abasebenzi bakho ukuze wandise imveliso ngoko ko ke unganinwa ziindleko zabasebenzi. Kwakhona, nxibelelana nabasebenzi bakho ngezimvo eziphathelele ekwenzeni umsebenzi – bakholisa ukuba nezimvo ezingummangaliso.

Cinga ngezixhobo zakho nangezinto zokusebenza. Ngaba ulindele ukuba umsebenzi okhanda into ethile xa efuna isipanele senombolo ye-13, awenze loo msebenzi “ngesipanele *socingo*”. Umsebenzi ohlakulayo – ufuna igaba elibukhali okanye ngaba wena ulindele ukuba ahlakule ngegaba elidala elinentwana encinane eseleyo yebleyidi engazange yalolwa. Asitsho ukuba thenga igaba elitsha, sithetha ukuthi londolozwa izixhobo zakho nezinto zokusebenza zihlale zilungile ukuze umsebenzi wenziwe kakuhle kwaye ixesha lisavuma.

Ngaba ukhe wacinga ngokuphucula imveliso yakho ngokulungula-lungisa izixhobo zakho zokusebenza ezikhoyo okanye ngokuzifakela ngezinto ezintsha? Khumbula “*Umntu makasebenze ngeqhinga*”. Iimagazini zezolimo (njengeLandbou Weekblad, iFarmers Weekly, nezinye) ziyaphuphuma zizimvo malunga neendlela zokulungula-lungisa izixhobo nezinto zokusebenza okanye ngendlela yokufakela ezinye. KwiNAMPO uya kufumana ezinye izimvo ezingummangaliso.

Amanye amanyathelo abalulekileyo onokuwathatha ukuze uhlangabezane nemivuzo ephuzulu, umzekelo kukutshintsha amashishini akho ukuba asebenzise abasebenzi abambalwa. Nangona kunjalo, ezi zicwangciso azisoloko zifikeleleka ngokwemali ngakumbi xa ungunlimi osakhalayo. Zifuna kubekho imali eninzi yokuqalisa elo linge.

Elokushwankathela, sebenza ngemithetho yabasebenzi kangangoko unako kwaye yandisa iziqhamo zokusebenza. Abasebenzi bakho banike uqeqesho, nxibelelana nabasebenzi bakho kwaye usebenzise izixhobo nezinto zokusebenza ezilungele ukusetyenziswa ukuze ukwazi ukumelana nemivuzo ethe chatha nefanele ukunyaswa kwakhona ngomhla woku-1 kuMatshi ngo-2014 ngenye i 6,4%. 🍌

Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbhali kwiPula/Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: mariusg@mcgacc.co.za.



Musa ukusebenzisa iindlela ezikhawulezisayo xa ugcina umbona wakho

Ubuntshaphantshapha bommandla wentengiso yokutya okuziinkozo bunyanzelise abalimi ukuba bangene kwimeko apho kufuneka beyiqaphele indlela abathengisa ngayo nexesha lokuthengisa umbona wabo. Ngoko ke, kusoloko kuphuhlisa iindlela ezintsha zokugcina ukutya. Kumashumi eminyaka abalimi bafumanise iindlela zokugcina ukutya kwabo okuziinkozo, ukusuka kwiingobozi ukuya kwizisele zanamhla zentsimbi nezesamente zangoku.

Ulonandolozi lombona lunezinto eziliqela eziluncedo kulimi. Xa umbona ugcinwe unesiqulatho esichanekileyo sokufuma unako ukugcineka ithuba elide kakhulu kwaye awulahlekelwa lixabiso lawo, nokuba ugcinwe iminyaka emibini ukuya kwemithathu. Oku kunika:

1. **Uncedo malunga nentengiso** – umbona unokugcinwa xa amaxabiso esephantsi kude kufike ixesha apho selephucuke khona, ukuze ngolo hlobo kufumaneke inzuzo entle.
2. **Ubukho besondlo semfuyo** – umbona unako ukuba sisondlo esincomeka kakhulu semfuyo ebusika nangamaxesha embalela. Ukugcinwa kwawo, ke ngoko, kwenza ukuba sibe nako ukugcina iimfumba zokutya okuziinkozo njengebhanki yefula.

3. **Ubukho bokutya kwabantu** – ukuba umbona ugcinwe kwiqumrhu lelyite lokusila lendawo ekufutshane, oko kuvumela umthengi akufumane ngamaxabiso aphantsi xa kuthelekiswa naxa ungagcinwanga apho – njengoko kunjalo kwithuba langoku. Oku kunoncedo ngakumbi kubalimi abalimela ukuziphilisa abavuna iitoni ezimbalwa kuphela ngexesha. Xa egcina umbona wakhe kwindawo yokuwusila ekufutshane unako ukuqiniseka ngokutya ngokweendleko zakhe zokulima kunye nomrhumo wokuwugcina omncinane, nokuba amaxabiso okutya anyuka kangakanani.

Njengayo yonke into, kusoloko kukho umngcipheko okhoyo xa kugcinwe umbona. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba kulandelwa yonke imiqathango efanelekileyo ukuze kuthinteleke 'intlekele yolondolozo'.

- Qinisekisa ukuba izinga lokufuma lichanekile (linganeno kwi14%).
- Qiniseka ukuba ugcinwe kwindawo eyomileyo nengekho phantsi kophahla oluvuzayo nokufuma okutsitsa emigangathweni.
- Tshabalalisa izidalwa ezonakalisa izityalo ngokuziqhumisela rhoqo.

Namhla sezininzi izinto umntu anokuzenza malunga nokugcina umbona wakhe. Kusoloko kukho iimveliso ezintsha eziphuhliselwa ukuba kube lula

Photo above: Isisele saseBodenstein, kufuphi neColigny kwiPhondo laseMntla Ntshona, yenye yeendawo onokuyisebenzisela ukugcina umbona wakho, ukuba uhlala kuloo ndawo.



Izisele ezikwiifama zokutya okuziinkozo sezithande ukuxhaphaka eMzantsi Afrika njengoko zivumela umlimi ukuba afikelele kwiindawo zentengiso ngelona xesha limfaneleyo.

kwaye kukhuseleke ukugcina umbona wethu. Nge-lishwa, inkoliso yezi zinto ineendleko eziphezulu kwaye kudingeka imali eninzi yokuqalisa umsebenzi. Ngoko ke, zeziphi ezinye zezinto ezinokwenziwa?

- **lingxowa** – mhlawumbi le yeyona ndlela ineendleko eziphantsi, ikwafanelekile ekugcinweni kombona nakweyiphi indawo elungileyo ekhoyo kwifama yakho o.kt. kwiishedi nase-magumbini okugcina izinto. Olunye uncedo ngokusebenzisa iingxowa kukuba kugcineka izixa ezikhulu kwisithuba esingephi njengoko umbona unobunzima obuphezulu.
- **Izisele** – unako ukugcina umbona wakho kwizisele esikufutshane soshishino oluyimbumba okanye kwifama yakho ukuba sikhona. Oku kuneendleko eziphezulu kodwa kukhuselekile njengoko imingcipheko iluxanduva lwabanizisele. Luxanduva lwabo ukulondolozwa iinkozo zakho baze bazibuyisele kuwe zikwimeko entle lakufika ixesha.
- **lingxowa zezisele** – le ndlela ineendleko eziphantsi kunezisele zesiqhelo, kodwa zisekhona iindleko njengoko iingxowa zifanele ukusetyenziswa kanye kuphela. Ngoko ke, yindlela enokusetyenziswa xa kuza kugcinwa



Izixhobo zokubhola emhlabeni zilwenza lula kakhulu ulondolozo lwezixa ezikhulu zeenozo ngexesha elithile.

Amarhamncwa – ngabahlobo okanye ziintshaba?



Umonakalo omkhulu ubonakala emva kokudityaniswa kwezikhwebu.

Yintoni irhamncwa? Irhamncwa sisilwanyana esixhaphazayo (okanye esiqwengayo) nesitya imveliso yomlimi. Abalimi abaninzi balahlekelwa yimveliso eninzi kumaxesha onyaka alandelelanayo ngenxa yezilwanyana ezitshabalalisa izityalo nemfuyo.

Idabi eliphakathi komntu nerhamncwa lidala kangangexesha lokubhalwa kwebhayibhile kwaye liya kuqhuba nakwixesha elizayo esingenaku-

kwazi nokulicingela. Umbuzo ngulo; sizilawula njani iilahleko kwaye sibulawula njani ubudlelane phakathi komntu nesilwanyana?

Ukuwuphendula lo mbuzo kufuneka siqale ngokuchonga abatyholwa abangundoqo kule nkqubo. Le ngxaki inokuchazwa ngokwezithili ngezithili. Kweli nqaku siza kuqwalasela amarhamncwa ezityalo.

EMzantsi Afrika sifumanisa ukuba izilwanyana eziphambili ekutshabalaliseni izityalo zezi:

- lintaka ezifana nezemilomo eBomvu ezibhabha zingumkhosi ofunzele kwiinkozo ezincinci nje ngezikajongilanga, ezengqolowa nezamazimba.
- Oonomyayi neHlungulu banokwenza umonakalo omkhulu kwangoko emva kokuhluma kwesityalo, ngakumbi emasimini ombona nakajongilanga.
- Iimpuku zee-gerbil: Ezi zikrethi zihlala emingxunyeni entsimini kwaye zibangela owona monakalo mkhulu msinyane emva kokuba kutyalwe ngokutya yonke imbewu.
- Oonomatse boMhlaba waseKapa: Nabo zizikrethi ezihlala ngokucukana phantsi komhlaba emideni yamasimi kwaye batya imbewu esandul'ukulinywa.
- Incanda: Esi sisikrethi esenza umonakalo omkhulu emboneni emva kwebanga lokubumbeka kwezikhwebu de wome umbona.
- Ingulube: Umhlambi weengulube wonakalisa kakhulu, ngakumbi KwaZulu-Natal. Zilalisa phantsi iindawo ezinkulu zezityalo, ngakumbi umbona, iitapile neemboty kwaye zisenokuba zizonakalisi zezityalo ukususela ngexesha lokutyalwa kwembewu emhlabeni ude wome ulungele ukuvunwa.

Umzabalazo wokuzama ukutshabalalisa la marhamncwa awululanga kuba amanye awenza kubukelwe umonakalo wawo kodwa kube nzima ukuwalawula ngenxa yamanani awo aphezulu.



lingulube zonakalisa kwingingqi yeLowlands, kufuphi neEstcourt KwaZulu-Natal.



lingulube nazo ziyakwazi ukonakalisa izityalo msinyane emva kokutyalwa.



Amanye ambalwa, kodwa ayanqoloba kwaye anamaqhinga ze kube nzima ukuwatshabalalisa.

Ngoku ingxoxo-mpikiswano isekubeni ndingazitshabalalisa njani ezi zidalwa kwaye ndingakwazi ukuzilawula na? Ngaba zinendima yazo ekuphilisani kwendalo kwaye ngaba ukuzitshabalalisa kungabangela enye ingxaki exhalabisa ngakumbi? Yimibuzo esifanele ukuzibuza yona le. Ukuze sikwazi ukuyiphendula, kufuneka siqale ngokuchonga amarhamncwa endalo afanele ukulawula ezi zilwanyana ziyingxaki.

- Iintaka – Impungutye yomqolo omnyama, Izikhova neeNtaka ezingamarhamncwa.
- Izikrethi – Impungutye yomqolo omnyama, Izikhova neeNtaka ezingamarhamncwa.
- Iingulube neencanda – Amahlosi neeNgonyama nezinye iintlobo zeekati ezinkulu zasandle.

Mangaphi amarhamncwa endalo asafumanekayo endle kwaye maninzi kangakanani? EWE, ukhe walibona; kodwa sinezinto esiziphosayo 'kwisangqa sobomi' bethu. Ngenxa yokuba amarhamncwa asentloko sekuyiminyaka etshatyalalisiwe, ngoku sikwimo ekuthiwa yiTrophic Cascade. Oku kwenzeka xa kususwe uhlobo olunye lwerhamncwa kwinkqubo yokuphilisana kwendalo ze oko kugungqise inkqubo yonke iphelele. Ngenxa yoku sisoloko sileqa. Umntu ufanele ukuzama ukuvala izithuba abe 'lirhamncwa', ngelishwa asinamandla kangako okanye asikwazi kusoloko sizitshabalalisa ezi zidalwa ziyingxaki. Ngoko ke singenza ntoni?

Phofu, isisombululo esifaneleke kakhulu besiya kuba kukuphinda kubuyiselwe onke amarhamncwa amakhulu kumxokelelwano wendalo, kodwa ngenxa yesizathu esicacileyo akululanga ukuba kwenzeka oko. Oku kubangela ukuba ndikholelwe ekubeni umntu unendima ebalulekileyo yokulawula amanani amarhamncwa kwiindawo ezingasemadini. Le ndima ifanele ukwenziwa ngokwemimiselo engqongqo kulandelwe inkqubo eyilwe ngendlela



I-Quickphos iyipilisi yePhostoxine ekholisa ukusetyenziselwa ukuqhumisela iinkozo ezi-gciniweyo.

elungele onke amaqela abandakanyekayo. Lo msebenzi kufuneka ube luxanduva lweeBhodi zeePaka namaziko afana nawo ngokunjalo nabalimi nabanini bemihlaba.

Singenza ntoni kwiifama zethu?

Zininzi iindlela esinokukhuthaza ngazo ubukho beentaka ezingamarhamncwa.

- Singalondoloza iindawo ezihlala kuzo.
- Sinako ukwakha iindawo eziphakamileyo ukuze sizincedise kuzingelo lwazo emasimini.
- Sinako ukuthintela ukusetyenziswa kweetyhefu eziyingozi ezibangela ukufa kwazo okulandela ekugqibeleni.
- Singabazisa abamelwane bethu nabahlobo ngale meko.

Amanyathelo ambalwa angenza umahluko omkhulu.

Malunga nezilwanyana eziyingxaki enkulu kufuneka kubekho ungenelelo olungelolwamachiza...ewe oku kuthetha imipu nezithiyiseli. Xa singakunqandi ukwanda kwamanani ezi zilwanyana ziyingxaki, singabona ukuphuphuma kobuninzi bazo ze ingxaki ingakwazi kulawuleka. Kodwa akufuneki sizenzele ngokwethu sodwa! Zikhona iingcali ekunokuhagamshelelana nazo ukuze ziye kwifama yakho zizame ukunciphisa amanani ezi-lwanyana eziyingxaki. Zona ziqinisekisa ukhuseleko ngononophelo. Kuqheleke ukuba abazingeli abaziingcali basebenzise izinja eziqeqeshelwe ukutshabalalisa iingulube neencanda, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukubaxelela abamelwane bakho kuba mhlawumbi uzingelo lungaya kufikelela kwimpahla yommelwane. Qiniseka ukuba usebenzisa iingcali ezinezinja eziqeqeshelwe ukutshabalalisa iingulube nezinye izilwanyana eziyingxaki, kungabi siso nasiphi isilwanyana azisijoyayo nasibonayo.

Enye indlela ekholisa ukusetyenziswa ethatha ixesha elide kukuthiyisela. Beka isithiyiseli somgobo wombona omuncu kwindawo enye yonke imihla kwithuba elide de zize iingulube ebusuku qho. Zakuba zifika rhoqo unako ukuya kuhlala endaweni efihlekileyo uzimele ukususela lisaqala ukutshona ilanga uzame ukuzibulala, qiniseka ukuba ukwenza oko uzimele kakuhle apho ivumba lakho nobukho bakho bufihleke khona.

Onke amanyathelo athathwa malunga nezilwanyana ezikhulu kunye nezincinane makenziwe ngobunono! Khumbula ukuba izenzo zakho ziya kuba neziphumo. Zininzi izidalwa ezingenabungozi ezitshabalala ngenxa yokusetyenziswa kweetyhefu nezithiyiseli ngendlela engenankathalo. Khumbula, isidalwa ngasinye sinendima yaso kwinkqubo yokuphilisana kwendalo ngoko ke xa kukho nokuba sinye esisuswe kulo mxokelelwano, oko kuya kuchaphazela ezinye izidalwa.

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, onesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: gvmat@gmail.com.

3 Musa ukusebenzisa iindlela ezikhawulezisayo xa ugcina umbona wakho

iitoni eziyi-100 kuphela obona buncinane ngexesha elinye.

- **Ngokwezixa ezikhulu** – ukuba sikhona isithuba emgangathweni weshedi yakho, unako uku-ugcina umbona wakho ungalohlwanga ntweni phantsi. Le ndlela inceda ngokusebenziseka lula, ngakumbi ukuba unalo ufikelelo kwisixhobo sokubhola emhlabeni. Ikwayindlela eyenza kube lula ukuhlola izidalwa ezonakalisa ukutya ezifana nengqoqwane yombona, nezisisilingo kakhulu emboneni ogciniweyo.

Khumbula

Kukho izinto ezimbalwa ezibalulekileyo ezifanele kukhunjulwa xa ugcina umbona kwifama yakho.

Into yokuqala nephambili engenakulityalwa kukufuma kweenkoko. Umbona unokugcinwa ngokhuseleko ngokufuma okunganeno kwi 14%, kwizinga le 15% kodwa ngaphezu koko kukho umngcipheko womngundo kunye nobushushu obungaphakathi.

Ucoceko ngomnye umba ofanele ukusoloko unikwa uqwalaselo. Indawo yolondolozo ifanele ukugcinwa icocekile kwaye iqhunyelwe ukuze kutshatyalalisiwe nawaphi amaqanda engqoqwane asenokuba asekhona ukususela kumaxesha angaphambili. Ityhefu eqhelekileyo nefikeleleka lula enokusetyenziswa yiQuickphos okanye iPhostoxine. Yona ifumaneka njengepilisi kwaye ifanele ukusasazwa ngaphezulu eziingxoweni phambi kokugqunywa nokutywinelwa ngokupheleleyo ngeseyile engenamingxuma kwaphela okanye imisikeko. I-Phostoxine ikhupha igesi xa idibana neoksijini; le gesi inobunzima obuphezulu kunomoya ngoko ke yehlela ezantsi ize ingenelele kumabanga asezantsi eemfumba zombona. Qiniseka ukuba ulandela imiqathango yokhuseleko eyimfuneko phambi kokusebenzisa le tyhefu, o.kt. unxiba iiglavu nemaskhi uze uhlambe izandla zakho ukuqinisekisa ukuba ivaleke ngci ukuze kungabikho ngozi yokuvuza kwale gesi.

Icebiso lokuzusa iziphumo ezihle zokusebenzisa ezi ndlela zokulondoloza umbona kukusebenza ngononophelo uziphophe 'iindlela ezikhawulezisayo'. Xa unokukwazi ukusebenzisa ezi ndlela zolondolozo nokufikelela kwindawo yentengiso ngexesha elikulungele kakuhle, oko kuya kuba luncedo kwishishini lakho ukuze ufumane eyona nzuzo intle inokufumaneka.

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, onesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: gvmat@gmail.com.

I-Grain SA kudliwano-ndlebe... no Patricia Ntombi Maphosa

esibathengisela imveliso yethu ngqo. Umbona oluhlaza uziswa ngqo kuthi uvela efama, kanti senza imali eninzi ngentengiso yombona oluhlaza esiwulima kwihektare enye, malunga neR30 000 ngehektare nganye.

SineTrekara enye yeDuetz 65 kunye netrekara enye yohlobo lokwenziwa yeFord 83. Ndikwanayo neveni yeToyota eyathengwa ngemali esiyifumene efama. Ndifumene noqeqesho lwa-kwaGrain SA, olundinceda ngokuba ndiwuqhube kakuhe umsebenzi wasefama.

Ubuthathaka: Ngoku izixhobo zam zokusebenza efama azilingenanga, ndidinga esokukrazula umhlaba. Ndisebenzisa amathayara amadala etrektara endiwarhuqa ngetrektara ukuze ndicombulule umhlaba. Kwakhona andinashedi yokugcina isivuno sam.

Ifama yethu incinane ngoku sifuna ukuyandisa ngokukhucula indawo esecaleni kwayo, kuba akukho mntu uyisebenzisayo. Amanzi akakhe alingane sade sagqobhoza imingxuma emibini emhlabeni, kodwa ngoku ayisasebenzi.

Sasingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalisa ukufama? Singakanani ngoku malunga nezo zityalo?

Ukuqala kwam ukufama, ndandivuna nganeno kunetoni e-1 ngehektare nganye yombona. Ngoku, ndivuna iitoni ezi-4 ngehektare nganye emhlabeni owomileyo kanti phantse ziyi-7 iitoni zombona oluhlaza ngehektare nganye.

Ucinga ukuba yintoni eyona nto ebinogalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?

Eyona nto indincedileyo ukuba ndiqhubele phambili kwaye ndiphumelele ligalelo lomyeni wam. Sisebenzisana kakuhe kanti ngenxa yokuba unamava amaninzi emsebenzini wokufama kunye neziqinisekiso zezifundo kwezolimo, usoloko endifundisa kwaye ezimisele ukundincedisa.

Izifundo zoqeqesho zakwaGrain SA endizifumeneyo nazo zindixhobise ngolwazi olube negalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yam. Bendisiya nakwiintlanganiso zamaqela ofundonzulu, kwiintsuku zabalimi nakwiindibano zokufundisana ezinikwa yiGrain SA kwindawo yethu.

Hlobo luni loqeqesho osowulufumene kude kube ngoku iloluphi uqeqesho osalunqwenelayo?

Ndifumene izifundo ngemveliso yemifundo ezinikwa liSebe lezoLimo. Kanti ndiyile nakwizifundo



zaseGrain SA, ezifana neNtshayelelo yeMveliso yoMbona, ukuLimela iNzuzo kunye nezifundo ngoLondolozo lweeTrekara.

Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuzana ntoni?

Kwiminyaka emihlanu ndinqwenela ukuba nefama enkulu eyiyeyam okanye ndandise le fama ndinayo ngoku. Ndifuna ukuba neetrekara ezizezam ezikhatshwa zizixhobo zokusebenza ezikwimeko yokusebenza elungileyo. Kwakhona ndinqwenela ukuqesha abasebenzi besigxina abamalunga ne-20 ndidale amathuba emisebenzi ukunceda abantu abangaphangeliyo. Ndingwenela ukuthumela ngaphandle imveliso yam ukuze ndifake imali eninzi.

Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Ukuba abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo bayafuna ukufama, ndibacebisa ukuba bawuthande umsebenzi wokufama. Ukuba ulima ngokwenza uphela sonwabe, akunakuphumelela. Sukulindela ukuba abantu bakwenzele umsebenzi wakho, zenzele ngokwakho. Nabo mabaxhobe ngezakhono zobuchule bokufama ngokuya ezifundweni, kwiindibano zokufundisana nakwiintsuku zabalimi. Mabangaxhinelile ubutyebi obukhawulezileyo kodwa mabazondelele balinde de ishishini liphuhle kakuhe kwaye lilondolozeke.

Inqaku linikelwe nguJerry Mthomboti, uMququzeleli woPhuhliso kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwamaFama. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jerry@grainsa.co.za

UNKsk Maphosa nonyana wakhe uPhillimon babambe uluthi lokulinganisa ubude bombona wabo oluhlaza iSC701 eBarberton kwiPhondo laseMpumalanga.

U Patricia Ntombi Maphosa ngumlimi okhuthelileyo onempumelelo kwindawo yaseBarberton eMpumalanga, nongalimi umbona nemifuno kuphela kodwa udala namathuba engqesho abantu abangaphangeliyo kwaye unqwenela ukuba ngenye imini athengise imveliso yakhe kumazwe angaphandle.

Uwuqhuba phi umsebenzi wokufama kwaye ngehektare ezingaphi? Ulima ngantoni?

Ndineplothi encinane eBarberton kanti ngoku ndilima emhlabeni olimekayo kwihektare eziyi-10. Ndilima umbona emhlabeni ongankcenkeshwayo nonkcenkeshwayo. Kwihektare enye ndilima umbona oluhlaza ukuze kwezinye ihektare ezintandathu ndilime umbona womhlaba owomileyo. Kwezinye ihektare ezimbini zomhlaba olimekayo ndilime imifuno enjengebhithuthi, isipinatshi nama-khaphetshu. Ndijikelezisa umbona neembotyi ezomileyo.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ndakhuthazeka kudala ukuba ngumlimi kuba ndakhula ndilima kwigadi engasemva ekhaya. Apho sasilima imifuno enjengeetumato, amatswele, ibhithuthi njalo njalo. Kanti ndandisebenza nakwifama eseKaapmuiden, eMpumalanga, kwiminyaka emine. Apho sasilima ummoba, iidiliya, iorenji neephopho; ezinye zezo ziqhamo zazithengiswa kumazwe angaphandle ezinye zithunyelwe eMarikeni eGoli.

Esinye isizathu esenze ukuba ndiqalise ngokufama ngokwam kukufuna ukudala amathuba emisebenzi abantu abangaphangeliyo.

Chaza imiba onamandla nobuthathaka kuyo

Amandla: Umyeni wam unamava abanzi kakhulu ngokufama kwaye sisebenza kunye kuyo yonke into njengeqela elisebenza kunye. Sinabantu



Ngawaphi amathuba endinokuwaxhamla xa ndithengisa umbona wam?

Kudala kwakulula noko ukuthengisa umbona. Umlimi ebewusa kwimbumba yoshishino ekufutshane umbona wakhe aze ahlawulwe ngemveliso yakhe ngexabiso elalilawuleka phucukileyo kunanamhla. Imbumba yoshishino ithatha indawo esesizikithini ithengise umbona kuwo onke amacandelo namashishini.

Namhla izinto zenziwa ngendlela emfutshane. Iimbumba zoshishino nazo zisenendima ebanzi eziyenzayo, ngokunjalo zisalawula ipesenti enkulu yeenkonzo zamashishini. Umahluko mnye kuphela kuba ngoku umlimi unofikelelo olukhulu kummandla wentengiso ngenxa yetekhnoloji yanamhla, kwaye abalimi bayakwazi ukuthengisa umbona wabo kuluhlu olubanzi lwabathengi ngethemba lokuthengisa ngelona xabiso lihle linokufumaneka.

Ndingawuthengisa phi umbona wam?

Xa sicinga ngalo mbuzo kufuneka sikhumbule imisebenzi yombona: usetyenziswa ngubani, usetyenziswa njani, usetyenziswa phi, njalo njalo? Umbona usenokuthengiswa kwiimbumba zoshishino eziliqela. EMzantsi Afrika iimbumba zoshishino eziphambili yiNWK, iSENWES, iSUIDWES, iTWK, iAFGRI neGWK. Kanti baninzi nabathengi babucala onokubathengisela umbona wakho; bona baquka amaqumrhu okusila umbona, amaqumrhu ezondlo zemfuyo, iindawo ezigcina izondlo, iindawo zokondla iihagu, iifama zeenkuku kunye nabathengisi beemveliso ezincinane. Sisigqibo esibalulekileyo esifanele ukwenziwa kanti zonke iindawo ekunokuthengiswa kuzo maziqwalaselwe ngokunonophelo.

Iliqela imiba efanele ukuqwalaselwa xa kuseenziwa isigqibo ngendawo onokuthengisa kuyo umbona wakho.

1. **Ukuba kufuphi** – ngenxa yeendleko eziphezulu zothutho kufuneka sifumanise ukuba ngowuphi ummandla wentengiso ongowona ukufutshane.
2. **Ixabiso** – sifanele ukusiva ngodondolo isiziba ukuze sifumanise ukuba ngubani onamaxabiso aphucuke kakhulu, kuba naxa amaxabiso entengiso emiselwa ngokweSAFEX, bakhona abathengi abangenangxaki yokuhlawula ixabiso elithe vetshe xa oko kuyenza lula imeko yabo naxa uphezulu umgangatho wesityalo.



Umlimi utshintshisa umbona wakhe ngomgubo wombona.



Umbona usiwa kwilitye lokusila elikufutshane.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein
▶ 08600 47246 ◀
▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

**UKUMISELWA
KWABAHLELI**

Liana Stroebel
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWIMI EZILANDELAYO:**

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboha nesi IsiZulu.

**INKqubo yeGrain SA
yoPhuhliso lwabaLimi**

ABAQUZELELI BOPHULISO

Danie van den Berg
Free State (Bloemfontein)
▶ 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
▶ 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatsi Nyambose

Jerry Mithombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws

Mpumalanga (Belfast)
▶ 072 736 7219 ◀ naas@grainsa.co.za

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal (Vryheid)
▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)
▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Jenilee Bunting

Lawrence Luthango

EMpuma-Koloni (Mithatha)
▶ 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Melercia Kotze

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
▶ 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlangane

Ngawaphi amathuba endinokuwaxhamla xa ndithengisa umbona wam?



Umbona usiwa kwilitye lokusila elikufutshane.



Logama aba balimi besalinde isidlo sabo sombona abasithengileyo, basebenzisa elo xesha ukufunda iPula/Imvula.

3. **Imveliso** – phambi kokuisityalo sombona kufuneka sifumanise ukuba zeziphi iimveliso ezidingwa kuloo ndawo. Mhlawumbi kukho iqumrhu lezondlo kwindawo ohlala kuyo kuba lona linokuba ngumthengi wombona otyheli. Masithi kukho indawo eyenza umsebenzi wokusila umbona apho uhlala khona kuba inokuba ngumthengi wombona omhlophe. Ezi zinkalo ezibaluleke kakhulu ezifuna ukuqwalaselwa.

Iteknoloji seyingumenzi-ndima ophambili kwintengiso yombona namhla kwaye isetyenziswa banni ngeendlela eziliqela. Eyona ndlela iphambili kukuthenga nokuthengisa iinkozo ngokusebenzisa intengiso yotshintshiselwano ye *South African Futures exchange (SAFEX)*. Ukuze ukwazi ukukwenza oku udinga umthengiseli wabanye abantu onobuchule bokuthengisa noza kuku-

bisa ngamalinge akho otshintshiselwano. Uninzi lwabathengiseli lunokufikeleleka ngokusebenzisa naliphi iqumrhu elirhweba ngeenozo.

Umlimi osebenzisa iSAFEX unako ukuhlola ummandla wentengiso kwaye amisele ixabiso afuna uthengisa ngalo umbona wakhe ukuze akuphephe ukuthotywa kwamaxabiso kwixesha elizayo. Ukuze akwenze oku umlimi ukholisa ukuthenga ii-call okanye ii-putt ezinokufumaneka neziya kumisela elona xabiso liphantsi ngombona wakhe. Ukuba ixabiso lombona liphantsi kodwa umlimi abe novalo lokuba lingasuka linyuka, uya kuthenga i-call. Kodwa ukuba ixabiso liphezulu aze umlimi abe novalo lokuba liya kusuka lihle, umlimi uya kuthenga i-putt. Ukuthengisa iinkozo ngokusebenza iSAFEX kusenokubhidisa xa usaqala ukuyisebenzisa yiloo nto ucetyiswa ngokuba usebenzise iinkozo zencutshe ethengisela abantu. Kodwa xa sowubufumene ubuchule oko kuya kuba luncedo olukhulu njengendlela yokuzikhusela kumaxesha angenaluzinzo.

Iinkozo ozilimayo yimpilo yakho, ngoko ke kubalulekile ukwenza amalinge okuzithengisa kakuhle kangangoko kunokwenzeka. Sebenzisa zonke izinto ezikhoyo ukufumanisa umthengi olunge kakhulu ukuze ufumane inzuzo efaneleke kakhulu. Ungafane uwuthengise umbona wakho kwindawo ekulula ukuthengisa kuyo kuba ufuna ukuwukhupha ezandleni zakho. Xa usebenzisa ubuncinane bobuchule bokuthengisa unako ukuyandisa ingeniso onokuyifumana ngokunjalo ufikelele kubudlelane obutsha beshishini obuya kukunceda kwixesha elizayo.

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula/Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.